# Okumalunga nesikolo sam

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Funda isihloko seli bali. Eli bali liza kuthetha ngantoni?
2. Jonga umfanekiso kweli phepha. Lithini igama lesi sikolo?




Esi sisikolo sam. Igama lesikolo sam yiManeza. Sisecaleni kwevenkile.

Nika igama lesi sikolo.



EXTRACT PAGES

Kukho abafundi neetitshala. Kukho nabantu abasincedayo.

Ngoobani abantu abakhoyo kwesi sikolo?


EXTRACT PAGES

Yinqununu yesikolo sam le. Igama lenqununu nguNkosikazi Naidoo.

Ngubani igama lenqununu lesi sikolo?

# Utitshala wethu




Lo ngutitshala uMandi. Ngutitshala wam ondifundisayo.

Ngubani igama likatitshala?




EXTRACT PAGES

La ngamagumbi okufundela. Nantsiya ne-ofisi yenqununu ecaleni. Naliya negumbi lootishala.

Ucinga ukuba leliphi igumbi elikhulu kuwo?
I-ofisi yenqununu okanye igumbi lootitshala?

# Amagumbi angasese



EXTRACT PAGES

La ngamagumbi angasese. Abafundi bayalindana ukungena. La magumbi ahlala ecocekile.

Kutheni lento igumbi langasese kufuneka lihlale licocekile?

# Ithala leencwadi



EXTRACT PAGES

Eli lithala leencwadi. Kukho iincwadi zokufunda ezihlukeneyo. Wonke umfundi uvumelekile apha.

Kufunyanwa ntoni kwithala leencwadi?

# Igumbi lokuphekela




Eli ligumbi lokuphekela. Siphekelwa apha ngoomama. Oomama basiphekela ukutya okumnandi.

Ngoobani abaphekayo?